

# IMVO ZABANTSUNDU

(NATIVE OPINION)

Authorized Medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories,

IXABISO 3d.]

KINGWILLIAMSTOWN, NGOLWESI-NE, OCTOBER 11, 1888

[No. 203

“NINGALAEI IMBO YENU NGO PHOYIYANA; U- PHOYIYANA  
UYEMKA NGOMSO.”

NYULANI U

## SOLOMON no WARREN.

ABANGABEQELA LABAHLOBO NABABUZELI BABANTSUNDU  
KWI NKUNDLA ESE KAPA.

### DYER no DYER

NGEZIVEKI ZIMBINI

BANEMPAHLA ENINZI.

Iprinti zentlobo ngentlobo, yi 3d. ngeyadi.

Iwinzi ezigwangqa, yi 4d. ngeyadi.

Iminqwazi yamakwenkwe, enetyeps, 6d. umnye.

Iminqwazi yamadoda, 2s. umnye.

Ibike ili 10s. 6d.

KWANENTO ENINZI

*Yezihlangu Zamadoda, Zabafazi,  
Nezabantwana,*

*Zitengiswa ngamanan iapantsi.*

KWA

### DYER & DYER

King Williamstown.

### WEBSTER & DODD

ABATENGI BO BOYA NEZI KUMBA NOKUTYA.

Ng Tyalike yase Wesile yabantsundu.

Kufupi ne nkundla ye Malike. Banika

Awona manani apezulu ngo Boya nezonto.

Umhlaba Otengisayo.

UMHLABA ongu Lot I., omi e Debe, ubukulu bawo zi acres ezi ngama 21 ne poles ezingama 28. Imida yawo : ngase mpumalanga-ngentla, nangezantsi, umi ngendlela yenqwelo ; ngase mpumalanga-ngezantsi, umi ngo Lot H.: ngase ntshonalanga-ngentla, umi pgo Lot K., umhlaba olinywayo, Owufunayo angabhekisa ku

GEORGE WHITAKER,  
Kingwilliamstown.

### JOHN IRVINE & CO

KINGWILLIAMSTOWN.

ISUTI zamadoda ze Stofu—12s 6d, 14s, 16s, 18s, 20s  
IBHATYI „ „—5s, 6s 9d, 8s 9d, 10s 6d, 12s 9d  
I-Bhulukwe „ „—4s, 4s 6d, 5s 6d, 6s 6d to 15s  
Imitika emnyama (yokutshata)—12s 6d, 15s 9d, 17s 9d  
Ibhulukwe zamadoda ezingwevu (zokutshata)—16s 9d to 18s 9d.  
Ihempe zamadoda zomsebenzi—10d, 1s, 1s 3d, 1s 6d, 2s  
Ihempe ze fulaneli—is 6d, is 9d, 2s, 2s 6d  
Ihempe zamadoda ezihayinishwayo—2s 6d, 2s 11d, 3 s 6

KUKO i Bhulukwe ze kodi ezitile (ezona zohlobo)  
7s. 6d.

Intlobo ezintsha zetyali (esazulwini apa azinamabala, koko kupela asemqkumbelweni). Zisusela ku 4s 6d zise kwi ponti.

Iprinti ezisand'ukufika—3d, 4d, 5d, 6d, 7d nge yadi Ikaliko—2d, 3d, 4d, 5d, 6d nge yadi

Ilinzi—4d, 5d, 5.5d, 6d nge yadi .

Izitofu ezibugqi—6d, 7.5d, 9d nge yadi

Lo ndlu ingentla, yeyona impahla itshipu, nenempahla epilileyo.

JOHN J. IRVINE & CO.,  
u-ALUVENI.

EVANS & CO

(Kulandlu ibi no NGOMTHI)

Abangenisi bempahla ya-Pesheya

Banayo yonke impahla efunwa nga-Ba-Ntsundu umtu

uziketela kwinto eninzi yetu

Ngabatengi bo Boya, Izikumba no Kudla

Njalo-njalo

E Marike, e Kingwilliamstown

BONISANI!

INKABI YE NKOMO emnyama ; impondo zisingqindi; amanqina angasemva amhlope omabini: kwanetshoba. Ilahleke ngeveki egqitileyo ngase Ncemera. Ondilandisayo angabhalela ku

Lovedale, Alice

REV. P. J. MZIMBA,

ISAZISO ESIKULU.

Amayeza ka (Nogqala) Jesse Shaw.

BONKE abantu aba kwindawo ezingena Magosa am bowatunyelwa onke amayeza nge Posi xa bebhalele kum batumela izi tampo nokuba yi mali ehamba ngepepa 1. posi (P.O.O.) Imali yawo yi 3/6 lilinye, nga paandle ko *Mpilisi* Wenene (Sure Cure) oyi 8/6 ukuba imali tunyelweyo igqitile yo buyiswa namayeza.

JESSE SHAW,

Igcisa Lemiciza.

The Laboratory, Fort Beaufort.

ABATSHATILEYO.

MPINDA-VUTULA.—Edebe, pantsi-ko-Ndoda, ngo 2 October, 1888, kuba-ndakanywe emtshatweni ongcwele ngu Rev. E. J. Barret, u JOSEPH MPINDA, into epakati ka Mr. Jacob Mpinda wakwa Gaga, no ELIZABETH VUTULA, intombi epakati ka Mr. August Vutula, wase Debe.

## Iveki.

U NKANUNU TSHAMBULUKA uyiqale ngo Mvulo ogqitileyo imfazwe yokubulala abateteleli beta base mbusweni Ngo-Mvulo lowo “ Inkanunu ” leyo ibihonga Exesi, kwa Kama; ngolwesi-Bini, ibhonge eluka. Iweni lwase Debe; ngolwesi-Tatu, izolo, ibihonga kwa Qoboqobo; namhlanje ibhonga e Cumakala.

INTO ebalulekileyo nge Nkanunu Tsha- mbuluka ibhonga ibhonge uti wakugabuka umsi wayo kungabiko nengxwelera, usuke uve abantu besiti, “Uba asimizai!”

SIFUMENE imvula emnandi ngo-Mvulo ogqitileyo. Ina sebeni abanye abantu ngobulukuni.

ABAXHASI be Nkanunu bamisa u Dr. Egan walapa ukuba amele esi siqingata sase Qonce e Palamente kunye nayo, kula- hlwe o Messrs. Solomon no Warren. Baya zixhamba.

—

UMZI ontsundu ose Bhofolo, Enxukwebe, e Katala nase Mpoфу, mawumise inyawo ku Hon. C. W. Hutton no Hon. John Laing, ubatumele e Palamente. Ningabhukuqwa ngabakohlisi nangama gunyana angenamse- benzi, yomelezani iqela labahlobo bontsundu e Palamente.

IZIZATU esibanga ukuba umzi ontsundu nabahlobo abamhlope betu abaninzi abaqke o Rev. J. D. Don no Mr. W. Hay, banga- mamkeli u Tshambuluka, zanekwe kwi- nteto ekwakweli eyonganyelwe ngamagama ati “ Umzi no Tshambuluka.”

—

INTOMBAZANA ka Mrs. Peller, umhlu- lokazi, e Pretoria, eminyaka ilishumi lina ntatu, ihlatye ngu ukonka ka ngece esiqulebeni. Kute ngenxa yokudumba kwedolo okubonakele kubu ngozi, yangqunyulwa umlenze edolweni. Bute kanti ubuhlungu bepondo sebusе matanjeni yabhubha ngosuku lwesitatu.

I SALVATION ARMY, Umkosi Wosindiso, iyabavumela ukuba batshate abafundisi bayo noko bengabhalwayo nje ziremente zawo, owabo umvuzo bawulindele ezulwini. Kufu- nyenwe incwadi yofilisho yomyne walawo madoda lipepa lase Kaladokwe. Ite:— “ Dade Otandekayo,—Ndibuhlungu ngenx’ enokuba undalile. Ndiya ndipakama kulo Mkosi njengoko wobona nawe epepeni langomso eliyi *War Cry*, endokutumela lona. Beke ndabekisa kwi nkanunu esipetyo ngendawo yohlangano lwetu nawe, yati kulungile ukuba woti wena utwale iboneti (umnqwazi) yama Salvation xa kutshatwayo. Ndiyatamba wosicinga isigqibo sako. Ndingowako wenene, egazini nasemlilweni.”

U SIR G. SPRIGG entetweni ayenze e Kei Road kumafama ute akukabiko temba lokuba utywala bomlungu buzakwenzelwa irafu, kuba boti bakarafiswa bube dulu, ze bungabi nabatengi, kuzе ngokoke kube nzima ukuyifumana lorafu kubenzi- tywala.

U MR. RUBIDGE wase Rudeberg ngase Rafu ulahlekwe lishumi linesixenxe lenkunzi zenciniba kulofama yake inqabe kunene, kubhaqwe atnatambo azo, kanti isuke ibula. we ixutwe, kumkiwe nentsiba amatambo afihlwe emat yolweni nase miweweni.

U FOLOSI ocelwe ukunyulwa lelimele i Komani, ziyaziwana ngumzi izenzo zake, ngoko asisokwenza zwi ngaye. U Mr. J. B. Hellier ixego, entetweni yake nte uyaku. mxhasa u Sprigg aze amlahle akuposisa. E Palamente akufuneki matemtem amvo zingatsolileyo kuba kuliiwa ngamaqela. Akatandeki umntu oti “ woti u Rulumente akuti ndimxhase, ati akuti, nditulahle.” Lonto ifana nomntu ocenga isonka. Tina singaxolela ukuhlala sisonge izandla singa- voti kanye xa singenakufumana ndoda iqinileyo yecala letu.

IZIGEBENGA zabelungu zibulele amakanzana amabini e Whitechapel ngase London. Namhla sesesitatu esi sihelegu sisihla kule ndawo yodwa, sebe sixenxe ababuleweyo. Azifunyanwa ezo zigebenga.

U RULUMENTB wenza imigudu yokutshabalalisa esisifo sibi kunene kutiwa “ liha- she clingwevu,” esibonakala sisanda kakulu pakati kwabantsundu belilizwe. Iqira lase Katikati lihambahamba emizini ngokubhulisa nokunyanga abakwele kwelo hashi.

—

SASIBA amadoda ase Mggakwebe ka Mdingi ayiqondile le mfazwe liliwaye ye voti kuba ayeko entlanganisweni kwa Lwase, kanti aza kuti akufika emakaya amanya abuye alahlekiswe ngokupikela ukuti, wona aya kuvota u Tshambuluka. Kwakutenina ukuba angateti entlanganisweni ? Mabi amashuntshuntu anje amana ukushuntuzza ngasese esenzakalisa umzi wonke ontsundu.

IMANTYI ezihlangeneyo ngomhla wesibini kule nyanga, Emtata, ukuba zigwebe ama- tyala amakulu, ngo Major H. G. Elliot, Inkulu yazo, no T. R. Merriman, Esq., eyase Mtata; C. J. Sweeney, Esq., wase Kokstad ; no J. W. Morris, Esq., wakwa Bomvana.

—

Kwi nteto enkulu ayenze e Kapa u Mr. Innes, oza kumela isiqingata sase Kapa ngoku. ute, kufuneka ukuba u Mr. Hofmeyr, umpati wama Bhulu, angene eburulumenteni isakudibana i Palamente ke siqonde apo aya kubhekisa kona, kuba o Sprigg aza zinzipo nje zika Hofmeyr ezingena kwenza ntando yazo noko zipetyo ngomlomo, zilaulwa ngama Bhulu.

—

NAKUBA *Isigidimi* sivakalise ukuba ngu Mr. Dormer ocingwayo zihlolo zabantsundu ukumela i Dike e Palamente sibuye seva ukuba elo nene lixakekile alinako ukuya kulonkundla. Esingalitetayo kubanyuli balomandla singati—ningabi napukupuku ma- bandla akowetu yifuneni ngokuzolileyo indoda entliziyo ifana nyeyenu, nixele mhla nanyula umfo ka Innes.

—

U HON. J. A BURGER ilungu lendlu ye- ngwevu e Palamente ubhuhbile. Ubehlala e Murraysburg.

### IMVO ZABANTSUNDU (NATIVE OPINION)

INKOSANA, U Albert White, unyana ka Makaulu, ugqite izolo e Qonce ukubuya kwihambo yake e Ngilani nase Scotland. Ugqibe iveki ezisixenxe kwelo.

### IMVO ZABANTSUNDU

NGOLWESI-NE, OCT. 11, 1888.

### UMZI NO TSHAMBULUKA.

UKUNGAMKELEKI.

Umzi ontsundu awumamkeli u Nkanunu TSHAMBULUKA. Asinge- piki nengqandendana ezenza ama- khosi lukuni, ezisekeleze udumo lwemini enye lokuba kutiwe zingo “ Good boy ” yimvutulukana apa yamagwangqa engazanga yamkhu- mbulela ontsundu ; asingepiki na- ' bantu ngabanye abanje ngenja eti ezinye zizingela zilambile nje, kanti yona seke yafumana isisulu yodwa. Kodwa ngati kuti ayinga tamsanqa, inengozi, into yokuti ubani apume emhlambini wabantu bakowabo, agalele kwintshaba zo- mzi, ngokwenjenjalo abe esekeleze amaceba amashumi matatu esiqu sake, mhlaumbi ilungelo lomhlaba (elikwa ngamaceba)—aze atengise ngalo lonke ilungelo lomhlambi wakowabo njengokuba enjenjalo u JUDAS ISIKARIOTI. Inzuzo enjalo, yegazi, ayimyoledi umniniyo.

—

USIKULUMI XA KUCUDISWA ONTSUNDU.

Siti umzi ontsundu njengokuba umi, awumamkeli u Nkanunu TSHAMBULUKA. Lo TSHAMBULUKA akayikuqala namhla ukuba kwinku- ndla yase Kapa. Sicela ubanina ukuba asikumbuze umhla, noko umnye, njengokuba kuxoxwa ka- ngaka nje ngomntu ontsundu e Palamente, awaka wema u TSHA- MBULUKA wabuzela, umhlaimbi wa- hlanganisela, umntu ontsundu. Ma- kavele ongasalatisayo. Kambe ihleli nje i Palamente ingxoxo yayo ingomntu ontsundu lo. Makavele ongabeka umnwe wake pezu kwe capaza eliginyisa amate kontsundu, lento awaka wayibhekisa ngontsu- ndu u Nkanunu, emele ilungelo , lake. Njengokuba tina umsebenzi wetu ukuqwalasela ngenyameko ezizinto, asikumbuli nebala elinye. Kwezizinto zombuso esipantsi kwa- wo, singabemi pezu kwentaba, si- pete into zamehlo ezibona kakuhle, esingade siti zicikida nentliziyo zamadoda kulonkundla yase Kapa. Ngokwetu ukubona simfumana Nkanunu engazanga wayikumbula imfanelo yontsundu ebandla, yaye lonto isuka entliziyweni yokuvela yake, naye engenakuzinceda. Siqa- , la ngoku afuna ivoti ukuba ukuba ungumhlobo wontsundu.

—

UQOGENE NE KTSHABA ZO NTSUNDU. Into esimbone tina eyiyo u Nka- nunu TSHAMBULUKA, simfumene ekwiqela elite lazibandakanya e Palamente, lazibandakanyela uku- chasa onke amadoda amele ukuba nomntu ontsundu unemfanelo ema- zinganyatelwa ngenyawo, xa ngabu kulungiselelwa abamhlope nabanye. Yimbasa yesibini ke leyo,— ukuhlabana no Mr. SAUER, no Mr. INNES, no Mr. SOLOMON, no Mr. WARREN, kuba bona besuke bane ntliziyo ezingangi angafumane ahxonywe u Nigala, njengecebo lika Nkanunu ngenye imini apa e Monti mhla wati into emayenzive komnyama kupela kukuba, “Makaxhonywe u Nigala.” Uyazazina ezizinto umzi ? Ukuba awuziqondi, siyawuvusa ukuba ungafumane upamle emnyameni nase kungaqondini mayelana noku- nyula Unkanunu TSHAMBULUKA ; mawukangele kakuhle.

IZIGANEKO.

UJAJI iyakuteta e Rafu ngo-Mgqibelo, 13 October, ize itete e Tinara ngolwesi-Tatu 17 October, itete e Bhatyi ngolwesi-Hlanu, 19 October.

—

UKUBEKELANA akulunganga. Pesheya e Basle kuko umntu odalwe ngokungumangaliso kuba amasele la kukutya kuye. Ngenxa yokuwatanda kwake lomfo ulidlamasele sede watiywa igama lokuba “The Champion frog-relisher.” Ungambona emana ukunqalanqalasha indonga namacibi ewagola. Ngomye umhla wafunga ukuba angati ebe- kelwa iponti enesihlanu nebhotide ye brandi angawaginya amashumi amatatu anamasele amatandatu. Kwavunywa wawangenela. Ute eliginya elokugqibela waye esiya wasuka wazala vingci umqala azakuvela emlonyeni ngemilenze. Wancedwa kukuba kufupi kwe gqira elamhlanzisayo.

U Mr. SELOUS umpati wepulo elalibhekise empakatinwe ye Africa ungenelwe yimpi ka Mashukulembroi yamciticata yatimba yonke impahla yake. Usindile esake isiqu wabalekela emazantsi Zambesi.

—

EKUMBIWENI kweziseko zendlu enkulu ye- midlalo e London pezu komlambo oyi Thames kunqikwe isidumbu senkazana sinqanyulwe intloko nengalo nezito. Into engenamkondo.

bati, ukulingenisa ilungelo lombuso e Transkei, ontsundu ukuze angene makabe nendlu ye £500; omhlope kwanele yena ukuba unokungena nge £25. Yaye lonto isenzelwa ukuba uze lowa mhlaba wamawetu apesheya kwe Nciba upendulelwe nga Belungu bevenkile, bangabi nazwi kwinkundla yombuso abani- niwo abantsundu. Siyabuza siti yinto eyayingenziwa ngabantu aba- ntliziyo imhlopena leyo ngakuba- ntu bakowetu ? Tina asikolwa Le- linye lamabala amaninzi ka TSHA- MBULUKA elo.

UKUPANGWA KOMHLABA WA BATEMBU

Ikwabobu buqela e Palamente obubhusbulise umzi wa Batembu,ku- hleliwe, kungaliwanga, bawugxota ulila esirara bawubbekisa kwa Qumbu, umhlaba wanikelwa aba- mhlope, ingengakuba bebeswele indawo. Kuhamba into ka TSHA- MBULUKA apo.

UMELO LWENKOHLISO.

Abatembu ne pesheya kwe Nciba banikwe ilungu elinye lokubamela e Palamente ; kwangokunjalo Ama- bhacana Mantlangweni; kukwange- mpato yamakwele nocalulo kontsu- ndu yabo ubuqela bo Nkanunu aba. Ezinye indawo zimalungu ngama- bini. Lento yayichasiwe ngo Mr. SAUER.

IMPATO YOBUTSHABA.

Bubuqela bo Nkanunu TSHA- MBULUKA e Palamente obahluta imipu badala udunkunku lwemfazwe apa ya Besutu na Batembu. Ikwabobubuqela obatshisa inkomo buse- keleze into obuyisekelezileyo.

IVOTI EZISINDE EZINZITSHENI.

Ezivoti sinazo namhla, ulibelena umzi ukuba zipume ezinzitsheni zonkanunu TSHMBULUKA ; bona be- zamela ukusikupela ngapandle. Into eyayinxhanyelwe kukuba o Mr. INNES no Mr. SOLOMON no Mr. SAUER bangabiko enkundleni, kume o TSHAMBULUKA aba nezinye intsha- ba zabamnyama, ukuze kwenziwe ukutanda ngamalungelwana esisena- wosingena mbuzeli. Uyayikangela kakuhle nje lendawo umzi ?

SICELE INTLANZI SANIKWA INYOKA.

Ehla ! Unyanisile ote isaza ku- liwa imfazwe yomhlala-pantsi. Masingalahli imbo ngopoyiyana. Asingabona o TSHAMBULUKA abati sitandaza ukuba kuvulwe inkanti busaka bawupendula umtandazo ngokuzivula: baqetula nerafu zo- tywala banciapisa amaxabiso oku- twalwa kwabo ngololiwe?

INGWE IMELE IBHOKWE.

Ukuba namhla sibe sisahleli asikahlelwa bububi obungapezulu kungenxa yesitunzi sento zo SAUER zo INNES zo SOLOMON. Gcina mfondini ontsundu. Lumkela uku- zibulala ngokwako. U TSHAMBULU- KA noko ateta okubusi namhla uya ku TSHAMBULUKA ngomso. Ukuba u Nkanunu TSHAMBULUKA unako ukumela ontsundu, ingaba ingwe inako ukumela amalungelo ebho- kwe ehlatini.

IMBOTYI ZIKA ESAU.

Ukukululwa kwe nkosi sakubule- langentliziyo yonke. nanamhla sisa- kubulela. Umzi omhlope wawuvu- mele ukuba zikululwe kwangeJubhi- li. Iqela labahlobo babantsundu e Palamente latuma u Mr.INNEs ukuba abuze ukuba azisakukululwana nge Jubhili. Ukwenjenjalo wayesalata u Mr. INNES ukuba kwakupete elabo i iqela kungapete elika Sir G. SPRIGG, lihlonyelwe ngama Bhulu, ngezazi- pume nge Jubhili inkosi. Kodwa ite into ebelingavumanga ukuvenza iqela le Nkanunu nge Jubhili, kuba belingazi ukuba lingeza kucela ivoti, okanye lisiba lizigqibile ivoti zaba- mnyama ngo Tungumlomo, layenza ngoku. Liyenzile; selicela ivoti. Ubuza ngakona oka MNDAYI, Emgwali, ukuti, wenza nina u TSHAMBULUKA ukuti akupe inkosi ati kwaoko makanyulwe. Naso ke namhla esika ESAU no YAKOBI ’mzi ndini. Msan’ ukuvuma ukutengisa amalungelo enu ngesisu semini enye.

NINGABINZI AMAKAYA.

’Msani ukuvuma ukuncipisa ubuqela bababuzeli benu e Kapa, abatwele ingcikivo kumawabo nge- nxa enati; niya kuzenzakalisa ngokwenye ngokwenjenjalo. Niya kuswela amadoda aya kuzikanyela ngenxa yenu enkundleni. La

### [OCTOBER 11, 1888

akoyo niya kubeta adane. Anibo- nina ukuba amadoda abuzela ontsu- ndu akamkelekile kwabahlope ? Niya kufunda ngantonina ?

Okokutsho ke, mzi wakowetu, eletu icebo kumzi leli: Tetani na- manxaxha, angene kwimbumba yomzi, kwenziwe isitonga esinye ekuvoteni amadoda akade esimele etwele ihlazo letu, o—

SOLOMON no WARREN.

## Amanqaku

“ NEZAMVA iza ngebele,” mzi wakowe- tu. Okokutsho sibagwa ngamazwi ka Nkanunu Tshambuluka awabhekise ku Rev. C. Pamla namadoda ambalwa esika Dikweni abeye kukahlela ngo-Mgqibelo ku Sir G. Sprigg naku Nkanunu Tsha- mbuluka. Inkanunu tiete ngamandla enawo ukwenza izinto ekubeni *Imvo*  nabati Langabahlobo babantsundu benge- nakwenza nto. Nantso kanye lento esi- kohliweyo ko Nkanunu apa. Kukuti benamandla okwenza, basuke bachume ekwenzeni izinto ozingenatamsanqa. Ukuba kube kusenziwa izinto ezilungile- yo, ngentliziyo ezilungilevo, namhla nge- singenateto nati.

—

ETETA ngamandla nje u Nkanunu uba sizidenge ezingazayo imo yezinto e Pala- mente. Umntu onamandla e Palamente ngomqela elikulu. Amaqela e Palame- nte emi ngoluhlobo-Elamabhulu 30; elo Innes no Solomon 30; elo Tshambu- luka la. Kuacile ukuba njengokuba kunywala nje aya komelela okunye amaqela amabini awokuqala. Nokuba babe baya kubuya bapate o Tshambulu- ka, kukiya begalelelwa ngama Bhulu. ebagalelela okwelixesha angekomle- leli kanye. Amandla anawo ngokugale- lelwa nga Mabhulu u Tshambuluka, asiwase so tina, kuba sisazi ukuba ama- ndla ase Bhulwini. Ati akuti venza lento ayenze, yeka le ayiyike. Lonto iyabonakala kulonto yotywala. Ngesisi- zatu kuyatandabuzeka ukuba angawafeza amadinga ahamba ewenza, kuba kufuna- ka evunyelwe ngama-Bhulu kuqala.

—

O TSHAMBULUKA bona bafumene imfa- ma abangadlala ngazo kumaweti. Banga- qayisa ngamandla okwenza izinto. Sifu- mana bedlala ngawo lomandla abo. Namhla bavala inkanti, begonda ukuba lonto ayilungile, ngoku bahamba besa- naka izandla ukuba batanda zivalive Bezisavulelwa nina kanti nje ukulunga kusekubeni zivalive. Ikwa yilonto nga- mahlati, bawavala, namhla ngevoti le ba- tembisa ukuwafwa. Ebevalelwe ukuze kuboniswe amandla okuvula na kanti? Yimfoketo yontwana leyo. Itaitile zona yinto emele wonke osepubatweni ukuba abanike abantu, asinto yasisa.

Kodwa namhla kutetwa ngoyi njengesisa sika Tshambuluka, kubiya ivoti za- bantu. Kukwanjalo ngemali yezikolo; bate bakupata o Tshambuluka bayincipisa kontsundu, yavulelwa ku Mabhulu nama- fama.

—

ITE impi yakwa Rhuluneli noko ibe icelive ngu Rev. Chas. Pamla ukuba iye kukahlela naye ko Tshambuluka nako Sir G. Sprigg, ayavuma. Yaye ikumbula into oyaka iyela nge Sabata apa, awayi- bizela esikaleni u Sir Gordon wati mayice- ngeceleze izikalaza, yati yakuba iziqubile, wayidabula ngamabi ; watsho akazi- hoya izikalazo zabo. Nakolu kahlelo lwanamhla . u Sir Gordon umise inyawo kwelokuba inqila azicandaga Into zona- lekise okunye, akasakubanceda ngenda- wo yotywala, mabazincede ngokwabo abangabo abantwana. Yimbumba yeli nani ke esicela ukuba siyomeleze nera- kumbi. Tina asivumi.

—

KEKWAKO inteto yokuba abantu abambalwa Encemera baqigibe eku- tabateni ukuxhasa iqela. Iika Sir G. Sprigg ngolunyulo. Siyabutanda- buza kunene tina ubunyano balonto; kuba umzi wase Ncemera ungene nje evotini kungemigudu yomfundisi u Rubusana no Mr. Innes, saye sisazi ukuba lomanene omabini abengowucebise umzi ukuba utabate kwa amadoda ezisi- nde zihlutwa ngawo ivoti.'Sivuva kunene ukuba u Mr. Innes ezimisele ukuba ne ntlanganiso nomzi wase Ncemera uku- 'wunika eyona nyaniso kwezi zinto. Umzi ngati wonganyelwa sisitunzi sika Sir G. Sprigg nomfundisi ongusomfazi wake, wagqiba ngexesha owawumele ukuzi- tukama inteto. Amadoda ase Ncemera ngabafu abayimelayo inyaniso nokuba ingquba umfundisi: enjenjalo ngevoti yokugqibela. Nanamhla asikolwa ukuba aya kulishiya icala elinenyaniso.

—

WAHLULELENE kakubi umhlope evotini, elixa umnye optewe zinto zo Bhani, nezo Ellis, nezo Robertson, nezo Blewitt, uxhase Inkanunu, beml kancinane abahlobo babantsundu badala ngaku Mr. Solomon no Mr. Warren: Sifsho kuba into zo Hay ngambini, nezo Innes ngambini, nezo Dyer ngambini, no Messrs. T. W. Irvine, j. P. Jameson, Carter, Christian, nomzi wakwa Baker Baker & Co., ono Mr. King, kwakunye nabafundisi abatanda inyaniso nobulu- ngisa into zo Don, nezo Batts, nabanye bangapandle—bazamela ukuba kunvu- lwe u Mr. Solomon, no Warren. Xa sekunjalo nje bekungade kubeko ama- nxaxhana pakati komzi ontsundu?

—

IMBUMBA, Imbumba. Imbumba yama- nyama, mhlabindini omnyama. imbun- mba ko Solomon no Warren. Vityo !

—

NGOKUBHEKISELELE kumbuzo ngo- nyulo lwase Bhofolo besingati tina umzi ontsundu wase Bofolo nowase Mpoфу, ukuba uyavazi amalungelo awo akuko- nto yimbi ungenyazo ingagqita ukuba bazamele ukuba kungene u Hon. C. W. Hutton, no Hon. John Laing. U Hon. W. Ayliff kukade etengisa ngomzi ontsundu e Palamente waye eqhonge nababulali babantsundu.

—

SIKOLO sase Mbulu, se U. P. besityele- lelwe ngu Mhloli-Zikolo wakwa Rulu- meni u Rev. Canon H. R. Woodrooffe. M.A., ngo 1 October, ofumene ukuba encwadini 74; abehangsho S; aba- ngapantsi 15; abafelis bakwi

*Standard* 46. Kambe ke iti itshala ngu Mr. Elias Jno. Mgoboli; engapanWngu Miss

Jacobs, esincoma kunene ubuhle bomse- benzi wabo Naba ke abakwi *Standard* segugu (IV.):— Ode wanconywa kunene ngu Mhloli-Zikolo wambhasela nange- mali; 1. Sarah Ndima, 2. Maria Mlindazwe, 3. Simon Ndima, 4. Jacob April, 5. Gershon Koyana, 6. Emma Qazo, 7. Mary Ntintili; nge *Zitandard* ezingo III- II- I- singasuka siti abafelishileyo ba 5. Umlesi angaziqondela.

### IVOTI EMGWALI.

Ngomhla we 3 Oct. ibandla lika Nkanunu Tshambuluka elingamafama lize kwenza intlanganisno apa e Mgwali, liwu- cela okokuba unyule u Nkanunu Tsha- mbulela. Elibandla belipetwe ngo Messrs. Leo. Evers (Iqgweta lase Cumakala), Fuller, Fynn, H. Peters (Nolutshokovu) Mr. Hulbert, C. Kashula, Grunow Webb, (Dlatyase) Wainwright (Mde) namanye amafama. Kwahlanganwa evenkileni ka Murray. Aye amadoda alapa ingo Messrs. Tobe Mndayi, Madolo Mabombo, J. J. Ngcaku, bobabiniK. Ncapayi, Thos. Mene, Robert Pepe, P. Hilita, B. Vecashe, H. Myoli, Jno. Qinga &c.

Amabandla e Nkanunu abonise konke ukuba umzi ulahle abahlobo bawo abadala utabate I Nkanunu Tshambuluka.

Mr. Fuller ependula ukuba uke wace- lana kumfundisi, ut kaloku singamadoda awodwa. Umfundisi lendawo ingapandle kwake, into yake yena kukushu- mayela, akananto nombuso (politics).

Mr. Ngcaku, Jnr.: Nite kanene nihilisele irafu ngegunya lika Nkanunu Tshambuluka, okokuyini nati?

Mr. Webb (Dlatyase): Kaloku siyate- mba okokuba nani sonincedisa nxa nincelileyo ukuba anihlisele, siyatamba okokuba uyakunzela.— Mr. Ncapayi: Hai mlungu akanatamba amantsontsho enkuku angekaqanduseli. Napakade.— Mr. Leo. Evers : Lamadoda angu Warren no Solomon akanamsebenzi e Bandia, anenzele ntonina? Kawkangele utyalwa ati u Kafile makangatengiselwa, kanti simadoda manye tina naye ngokubanda- kanywa lutovo. Bubudoda lonto, lento kuni noko sibanye ngokomteto woyoti, kanti bona o Messrs. Solomon no Warren bati, hai noko u Kafile unje- ngomntwana makangatengiselwa utyalwa. (Gquzu Kwahlekwa).—Mr. Ncapayi: Siyayibona lento yenziwa ngo Messrs. Warren no Solomon ukuba ilungile kanye. Eli sheyi nlenzayo nikolisa i Bond, kuba Amabhulu alima iveyine yokwenza utyalwa, aniteti nto ngokuti lamadoda asenza abantwana, tina siyaguda zizenzo zawo.

Mr. Webb: Awu! Tina asinanto ne Bond.

Mr. Ngcaku : U Nkanunu Tshambulukwe ukutshwa yini?

Mr. Fuller : Simcelile ukuba asimele.

Mr. Ncapayi: Beko nasibiza xa nincelayo ukuba ashiye isihlalo saka ?

Mr. Evers: Kuko esibe sinabo,

Mr. Fynn: Yabonani mzi wakwa Ngqika, ndiminyaka itile ndinoni Rili, namhla usandifuna, ndandimvala na- ngemfawze wapika ke. Sizingweyo tina siluna u Tshambulukwe. Zintsapo zodwa ku Solomon no Warren. U Mr. R. Irvine (Dick) ungakuti, u Mr. T. Irvine, Mr. Innes, ngabantwana ko Messrs. Solomon no Warren. Yabonani kaloku Mangqika iqgweta elikulu lase Qonce u Mr. E. J. Byrne ungcala letu kwano Mr. Weir. U Nkanunu Tshambulukwe uti o Edmund Sandile wabakulula wabambisa ingubo ezintle wabanika ingaba ze silivere wabasa e hotele.

Mr. Ncapayi: Awu, mlungu, kanene lento yokukululwa kwe nkosi akazangena atsho u Mr. Innes wase Cape Town, kwi Palamente ye 1887, okokuba u Rulumente angezikupina inkosi ezilusizi ukuze kwenz'udumo lwe Jubhiliyo y Mhlekazi, waza wati u Sir Gordon, mna noko lendawo ndingake ndenze inguqulo malunga nesigwebho sazo, njalo-njalo ?

Mr. Fynn : Hayi akukho nto injalo.

Mr. Ncapayi: Hayi kaloku mlungu, amapepa siyawafunda, nengxoxo ze Palamente siyazazi kakuhle.—Xhwenene ibandla le Nkanunu !

Mr. Fynn: Mfana ndini wake uyeke, amapepa ayaxoka.

Mr. Ncapayi: Siyawafunda namanye amapepa ase Kapa, sive nxa kuhambise- ka into e Bandia, sikolwe zizo.

Mr. Tobe Mndayi: Isixakile lendawo yokokuba u Tshambuluka akupe inkosi aze abe selefuna ukunyulwa. Ukutshwa yini angahlali kwakona ? Siyamazi sonke nange mfazwe le ye 1877.

Ngamafutshane Mr. Editor, wema ngenyawo zombini umzi walapa. Ati amadoda amakulu ayekela nge kaba elincinane ati, sasinifundisela okokuba nize nisikokele, lombuso asiwazi. Emva kokuba amafama eke abucala, uhlangene umzi wodwa, wagqiba okokuba u Mr. Ncapayi no Mr. Mndayi baye kuti kubo lungu—oko sesitiquinele o Messrs. Solomon no Warren asinakukucumbulla. Anduluka selengati ambete ufele lwe mfene, edanile kunene.

Kwabuleleka kunene kuba amadoda amakulu eyekela nekaba ukuba liwapendule amagwanga. Inteto zawo ngo Tshambuluka zibe zezekuhema umzi nangohlobo lokokuba zite nezi kelem zazizihlobo ngokutsho kwazo. Kwactakalwa.

### INDABA ZIBAMELI E PALAMENTE.

EAST GRIQUALAND —U Mr. Sivewright uvakalise ukuba usakubuye azibeke pambi kwabanyuli. O Hon. J. W. Sauer no Hon. J. X. Merriman bebecobisa ukuba umzi uguzule u Mr. Sivewright ufake u Mr. Watenneyer ongaba kwigqela elitanda ubulungisa.

GRAAFF-REINET. — Abangengabo abe mbumba yama Bhulu bacela u Mr. Neser no Mr. T. Auset.

KINGWILLIAMSTOWN.—Ngenxa yokuba engamkelekanga kumzi ontsundu kwi ntlanganisno yapantsi kwamahlali u Mr. W. F. Lance wase Monti, akasenalo ibhongo lokumela lomandla.

BARKLY WEST, (ELIGWA).—Matandatu amadoda aza kudywidana ngezihlalo ezi- bini zokumela esi siqingata e Palamente ngo Messrs. Rhodes, C. T. Campbell, Murphy, De Pass, Aucamp no Paton. Kufunwa ukunyulwa u Mr. Rhodes no Mr. Paton abecala lika Scanlen.

E BHAYI.—U Mr. Thos. O'Brein iqgweta no Nobhala wesiqingata sase Bhayi kutetwa kakulu ngaye ukuba uza kuzi- posa naye atweni lwe Palamente . aqetule en. ladoda amadala abehamba kona Pearson no Mr. Jones.

I TINARA. — Imbumba yama Bhulu imisa u Mr. Henry Nash utsho umbhaleli we Graaff-Reinet *Advertiser*.

EAST GRIQUALAND.—U Mr. Sivewright utumele inewadi ekomitini yabanyuli bake e Kokstad, evakalisa ukuba usakubuye abe ngummeli welo lase Mbo e Palamente.

QUEENSTOWN. — Entetweni ayenze entlanganisweni yabamhlope u Mr. J. B. Hellier uti uyakuxhasa u Mr. Sprigg e Palamente, womhlala akuposisa. U Mr. McDonald uti ivoti mayifunyanwe nge- bafundileyo bodwa kwabantsundu. Bafindele ukunyulwa nangabantsundu.

E BHOFULO.—Amangesi ase Bhofolo ambulele u Mr. W. Ayliff entlanganisweni yawo ate asamtemba aya kumnyula kwakona.

### Intlanganisno "Ehliiso Lomzi" e Komani.

[R. T. NUKUNA.]

Lentlanganisno ingene ekaya apangobusuku ba 28 kulenyanwa. txoxe ngenito enye ebekujongwe yona kakade " unyulo lwamalungu e Palamente oluzayo" yagqibhelisa ngokumisa i Komiti yokwenza imiteto emayiqitywe ngayo lentlanganisno.

I Sec, ivule intlanganisno—kwanyulwa u Mr. H. Mtombeni ukuba abe sesihlalweni. Kuyiwe emagameni, e Lesseyton aba 7, e Komani aba 10, e Oxkraal 2, e Glengrey aba 2. Sabona no Mr. Tantsi wase Ngcobo.

Emva kokufundwa kwe minutes zeya- gqitayo nokuvunyelwana ngazo i Chairman icele u Mr. Nzabe ukuba ake enze indaba zelase Glen Grey icala, ote ewe sike sanentlanganisno eluhlohlo, e Xonxa kwa Mr. Makasi. Asenzanga zigqibo kuyo, kuba siya kuzi apa e Komani ngolwesi-Tatu, siza kuxoxa sicebisane na Mangesi alomzi angabavoti.

Chairman: Ndingitanda elinene lase Glen Grey lisixelele ingxoxo yalontlanganisno babenayo, kuba ingaba luncedo kulo sinyayo.

Mr. Nzabe Sacebisa savumelana ukuba siyokucela zesi votele o Dr. Berry no Mr. Crouch.

Chairman: Intlanganisno mayixoxe ke ngonyulo oluzayo.

I Secretary ivakalise amagama amanene angeneyo emnyadaleni wokumela esisi Tili, angu Alessrs. Frost. Du Plessis, Hellier, Rogers, Loxton, McDonald, no Snyman.

Mr. Kota: Itemba lute ibing u Dr. Berry, kodwa njengokuba engavumanga ukungena elugqatsweni masingatembisi kuvotela nabani, kuba mhlambi kungabuye kuvotele indaba elunge pezu kwawo onke lamagama apambi kwetu. Masixoxe ngenito ayiyo la selepambi kwetu. Ndimisela ukuba kuxoxwe ngo Mr. Frost, into abeyiyo,—ayiyi—nesicinga ukuba uyakuba yiyo.

Kusekele u Mr. Matumbu, ote unosizi ukuba indlu ingazele. Isininzi kumzi wakowetu simcinga u Frost ukuba akafanele kusimela e Palamente, kodwa ke masikubule ukuba uyindoda exesha lide kunene kulomsebenzi, esingafanelweyo kukumdlala ngapandle kwenteto.

Mr. J. Tantsi: Abaxhasi baka Mr. Frost mabake baxele into elungileyo awake wayenza ngelixesha lide kangaka ese Palamente.

Chairman : Ukuze ixesha singadlali ngalo, masikangele ukuba ube sakuma njanina kwingxoxo zase Palamente kwimcimbi eyelefene nati bantsundu.. Njengokuhlutwa kwempu, intengiso-tyalwa kwabantsundu, naku Tungumlomo.

Mr. Kota: Wayengakwabantsundu ngo Tungumlomo.

Mr. Tantsi: Yinto entsha yayizolo leyo. Ubesenzela ntonina kwelixesha lipezu kweminyaka eli 15.

Mr. Kota: Kwixesha leminyaka eli 15 bendisengumntana kwezizinto ndingazazi. Into ekanya mhlope kum ngumcimbi omkulu, oshushu ka Tungumlomo.

Chairman: Abachasi baka Mr. Frost mabake baxele izenzo zake ezikohlakeleyo kumzi wakowetu bazicancise.

Mr. Mshiyeni: Nitini ngomcimbi wase Glen Grey?

Mr. Tantsi: Wavuma naye ukuba siblutwe imipu—baze kanjalo abantu base Glen Grey basiwu ku Qumbu.

Chairman : Ukuhlutwa impu ngumsebenzi owenziwa ngu Sprigg. Kanjalo namanene awawo votelayo lomteto— avota ngokuba wawungamiswa nje- ngoluhlobo waqutya ngalo. Wamiswa ukuba " imipu ihlutwe kweminyaka eli 15.

Mr. Kota: Kwixesha lemnyaka eli 15 bendisengumntana kwezizinto ndingazazi. Into ekanya mhlope kum ngumcimbi omkulu, oshushu ka Tungumlomo.

Chairman: Abachasi baka Mr. Frost mabake baxele izenzo zake ezikohlakeleyo kumzi wakowetu bazicancise.

Mr. Mshiyeni: Nitini ngomcimbi wase Glen Grey?

Mr. Tantsi: Wavuma naye ukuba siblutwe imipu—baze kanjalo abantu base Glen Grey basiwu ku Qumbu.

Chairman : Ukuhlutwa impu ngumsebenzi owenziwa ngu Sprigg. Kanjalo namanene awawo votelayo lomteto— avota ngokuba wawungamiswa nje- ngoluhlobo waqutya ngalo. Wamiswa ukuba " imipu ihlutwe kweminyaka eli 15.

Mr. Kota: Kwixesha lemnyaka eli 15 bendisengumntana kwezizinto ndingazazi. Into ekanya mhlope kum ngumcimbi omkulu, oshushu ka Tungumlomo.

Chairman: Abachasi baka Mr. Frost mabake baxele izenzo zake ezikohlakeleyo kumzi wakowetu bazicancise.

Mr. Mshiyeni: Nitini ngomcimbi wase Glen Grey?

Mr. Tantsi: Wavuma naye ukuba siblutwe imipu—baze kanjalo abantu base Glen Grey basiwu ku Qumbu.

Chairman : Ukuhlutwa impu ngumsebenzi owenziwa ngu Sprigg. Kanjalo namanene awawo votelayo lomteto— avota ngokuba wawungamiswa nje- ngoluhlobo waqutya ngalo. Wamiswa ukuba " imipu ihlutwe kweminyaka eli 15.

Mr. Kota: Kwixesha lemnyaka eli 15 bendisengumntana kwezizinto ndingazazi. Into ekanya mhlope kum ngumcimbi omkulu, oshushu ka Tungumlomo.

Chairman: Abachasi baka Mr. Frost mabake baxele izenzo zake ezikohlakeleyo kumzi wakowetu bazicancise.

Mr. Mshiyeni: Nitini ngomcimbi wase Glen Grey?

Mr. Tantsi: Wavuma naye ukuba siblutwe imipu—baze kanjalo abantu base Glen Grey basiwu ku Qumbu.

Chairman : Ukuhlutwa impu ngumsebenzi owenziwa ngu Sprigg. Kanjalo namanene awawo votelayo lomteto— avota ngokuba wawungamiswa nje- ngoluhlobo waqutya ngalo. Wamiswa ukuba " imipu ihlutwe kweminyaka eli 15.

Mr. Kota: Kwixesha lemnyaka eli 15 bendisengumntana kwezizinto ndingazazi. Into ekanya mhlope kum ngumcimbi omkulu, oshushu ka Tungumlomo.

Chairman: Abachasi baka Mr. Frost mabake baxele izenzo zake ezikohlakeleyo kumzi wakowetu bazicancise.

Mr. Mshiyeni: Nitini ngomcimbi wase Glen Grey?

Mr. Tantsi: Wavuma naye ukuba siblutwe imipu—baze kanjalo abantu base Glen Grey basiwu ku Qumbu.

Chairman : Ukuhlutwa impu ngumsebenzi owenziwa ngu Sprigg. Kanjalo namanene awawo votelayo lomteto— avota ngokuba wawungamiswa nje- ngoluhlobo waqutya ngalo. Wamiswa ukuba " imipu ihlutwe kweminyaka eli 15.

Mr. Kota: Kwixesha lemnyaka eli 15 bendisengumntana kwezizinto ndingazazi. Into ekanya mhlope kum ngumcimbi omkulu, oshushu ka Tungumlomo.

Chairman: Abachasi baka Mr. Frost mabake baxele izenzo zake ezikohlakeleyo kumzi wakowetu bazicancise.

Mr. Mshiyeni: Nitini ngomcimbi wase Glen Grey?

Mr. Tantsi: Wavuma naye ukuba siblutwe imipu—baze kanjalo abantu base Glen Grey basiwu ku Qumbu.

Chairman : Ukuhlutwa impu ngumsebenzi owenziwa ngu Sprigg. Kanjalo namanene awawo votelayo lomteto— avota ngokuba wawungamiswa nje- ngoluhlobo waqutya ngalo. Wamiswa ukuba " imipu ihlutwe kweminyaka eli 15.

ulunge ngapezu kwake—abanye abamfuni kanye. Ndisekela u Mr. Matumbu ukuba simnyule kuba kungeko ubetele kunaye emnyadaleni.

Mr. Mahe : Ndiyindoda yase Glen Grey, i Glen Grey alimfuni u Frost, wayibulala; kunokuba simnyule singasesi hlala singanyuli nabani.

Kute kwakuyiwa evotini yavumelana intlanganisno ukuba ngokwelixesha sisa bona yena kwesi sitili ofanele ukusiyela e Palamente kuba ibenye i vote emcasileyo. Kuqondisiwe kodwa ukuba akatenjiswa u Frost ukuba wonyulwa, kusabonwa yena kodwa okwelixa. O Messrs. Loxton, McDonald, Rogers, Snyman no Du Plessis intlanganisno izimisele ukuba zeba ngafumani nanye i vote. Kumiswe igama lika Mr. Hellier.

Mr. Tantsi: Andimazi kakulu, kodwa njengokuba ke ndamva mna ndicinga ukuba mtlangalunywise no Frost okwelixa. Uke wane ntlanganisno nati e Lesseyton ngolwesi-Tatu. Ukuba uzezonzo abe ziteta angaba uyindoda elungileyo.

Mr. Matumbu : Ngokufutshane kawusanekele izimvo zake.

Mr. Tantsi: Uti kudala enomoya wokunganga angaya e Palamente ayokuncedisa amadoda asebenzela ilungelo lezwe na- bantu bonke ngapandle kwe kete. Enyulwe uya kuzamela ukuba imihlaba emiwe ngabantsundu icandwe—ibe lowo abe ne tayitile kwisiqwenga ahleli kuso. Itoitywe kakulu kwinto ebityo imali yokutabata tayitile yonocanda. Ibe ngumteto ukuba abantsundu bangatengisi ngemihlaba yabo kwaba mhlope. Njengendawo ezitile e America umhlaba ungabi nakudlelwa ityala or izikwelitzi zomntu. Uyiachisele intengiso yotywala kwaba ntsondu. Mabumiselwe irafu ezinzima. Ute waye kuchasile ukhulutwa kwempu, akubanga kanye eteta ngalonto ukungalungi kwawo no Sprigg. Nakuba wayenge mprofitele kweleloxa watawa into eyehlayo— wati ku Sprigg uya kuwenza uwenze lomsebenzi woku- hluta imipu ude ufike kongasokuba nokuyenza kubo—kwasuka kwehla oku ku Besutu, yavi mfazwe kwapalala igazi. Ute akatsho ukuba simtembise ukuba somvotela, uze kuzazisa kuti—zosihambe sibuzisa ngayo ukuba yindoda esimilo sinjanina.

Mr. Sondlo walekele lenteto : Wati pro- poze ukuba u Mr. Hellier anyulwe kunye no Mr. Frost, kodwa singabopheleleki xa kuvela indoda ebetele. Kuvunyelwene.

Kumiselwe ukuba ikomiti yase Komani imane isazisa kwindawo zagapandle yonke ihambiseko xa kufinekayo. Kumiselwe kanjoko ukuba imali yase Komani neyase Lesseyton zihlangane zixoxe zibonise impi yase Glen Grey ingozi eya kubangwa kukwahlukana kwetu ngevoti, ngolwesi-Tatu.

O Messrs. Mtombeni, Matumbu, Sondlo, Nukuna, Msiikinyi, Hlati, no Tantsi, banyulelwa ukuba yi Komiti yokwenza imigaqo yale ntlanganisno.

Ezayo intlanganisno yoba se Lesseyton ngokuhlwa kolwesi-Hlanu, December 21, 1888.

### Ucalulo Wlentlanga.

Impi yenkanuni ibonakala ukuba iya- kuluquba ngomoya ombi olunyulo. Ingene kwiyelenge lokwahlula Imfengu ku Mxhosa; iti iva ukubu lento iqalwa ngu Mr. Tengo-Jabavu, ngomazinyo u Mr. Tengo - Jabavu uyazi mhlopo ukuba lendodana ayizanga yasazi isahluko pakati kwezizwe ezintsondu, yazi kupela ukuba ibala eliminyama lomelomi wako- wayo. Lento imbi ibuhlazo, ishunyayelwe kwintlanganisno yase Debe ngu Nkanunu Tshambuluka ngokwakwe. Akuko nesuntsu lenyaniso kuyo.

### EZABABHALELI.

UMNYADALA WONUYULO E QONCE.

NKOSI, MHLELI, — Nceda undifakele lemigca nama, ndihlaba umkosi kuwo wonke umandla omele i Qonce. Ndiqo- kela kwakona nditi umanyano mzi ontsundu, makuhlenganwe ngamacala, ukuze umoya wabelungu ungasingeni, misani inyawo kwimibuso wabini ku- mntu oti mvoteleni, uyakuba lilipina icala kulandlu yokuxoxa into zombuso; nokuba ngowakwa Sprigg na? nokuba ngowakwa Scanlen? nomva apo ke ongumhlobo wenu, ngowakwa Scanlen, kuba u Sprigg yena niyamazi nonke, nakwinteto yake ayenze e Monti ngokuhlwa ko-Mvulo, usati ukuba ubuywe wase- lulahlweni uyakubha kwajengokuba ebequbile, nangapezulu ukuze kugcinwe uxolo lwe Koloni, usatsho umfo ka Sprigg. Ke amalungu etu amabini u Warren no Solomon asixelela ke ukuba asayakuxhasa ama Scanlen, elo cala lelezihlobo zetu zodwa, sakolwa. Ku- tiwa ke kuko no Tshambuluka osele- nabavangeli bake abahamba bemxela ukuba ugqobokile, ke nokuba ugqobokile na. Lonto kuti ayititi, into etetayo yile ungumntu Tshambuluka? Ndiyakolwa ukuba lombuzo ndigawupendula naxa umbuzo elele,—“ Ndingum Sprigg nomongo wam.”

Omnye oveliswayo ngu Lance wase Monti yase selezixelele ukuba ngowakwa Sir Gordon, kungatshwiwo ngumlomo wake wodwa, sekutshwiwo nakubha ebengumongameli wentlanganisno ka Sprigg e Monti, waza akabinambuzo kwihambiso ahambise ngayo elulahlweni lwake olugqitileyo, kuba yena (Lance) ebekolwa lulo, nelixa kusongelwa esiva usakolwa, noko ke uziswa kuti ukuba simvotela um Sprigg wenene lo, siziqu- mile umqala kwatina. Ukutsho ke mzi nditi masibambebele kumatungu azizi- hlobo zetu enyanisweni o Messrs. Warren no Solomon singandisi icala lentshaba sizazi.

Tina besiyakuti ukuze siqonde ukuba sinabelungu abazizihlobo babe bebeyi e Monti. bala ukuba angavotela u Sir Gordon bekuya kulungu kunene. Ndi- tsho kuni Qonce, Mgqakwebe yombini, Ncemera, Bhalase, Zele, Zidenge, Ku- busi, Cumakala, Mgwali, Sihoboti, Cenvu, Mkgangiso, Rode, Qugqwala, Tamara, Xesi lika Kama, Debe, Rahlula, Matole, Tyume, Qobooqob, Mtwaku, Mngqesha, Cwengewe vukani nahilwa ngabelungu ! Nize ndipendule. Ndim,

Mount Coke (Emkangiso), Oct. 1, 1888.

ABADLALI ABANTSUNDU E ENGLAND.

NKOSI.—Kwiipeva leveki eqgitleyo, ku- mhlali we “Notes of Current Events” ukankanya into enqwanelwa ukwenziswa

ngamanene atile ase England malunga nomdlalo we *Cricket* ngabantsundu kwe lilizwe.

Into leyo indivuyise kunene okwam, Mr. Editor. Ndiyitakazele, ndade ndaci- nga ukuba bendimsha bendiyakuba kwi- qela eliyakulinga. Libongo kodwa ke elo. Kwabacinga ukulinga ngokuyibona ukulungo lento, mandibomise ngambalwa izixakelo eziyakuba sendleleni yomntu. Nditemba ukuba ipumelele lento—lo Team iyakuti *represent* i Natives zonke zale Colony, kuba akubonakali ndawo inye inako ukukupu lo Team ingapume- lela kuzo zonke izimiselo ezo zibekiweyo. I *enthusiasm* ne *ability* kulomdlalo kwabantsundu zona azitandabuzeki. Kodwa ndakuza kwi *good character* ndiba noloyiko, ndakugqitela kwi *total abstinence* ndoyike kakulu. Ndadukitika kwi *general intelligence*, ndipelelwe. Andoyiki nto nge *good figure* kuhlanga lwakowetu, kodwa iko indawo yokuba aluqeqeshwanga, oko kukuti ungafika nomfana ukubhamba oku ngati lixego engapapamanga. Baninzi abafana baba- ntsundu abakwaziyo nabawutandayo lo mdlalo we *Cricket*, kodwa kwesoininzi bambalwa abanemfundo evutiweyo; bekwambalwa nabanezimilo ezihle, naba- ngawucukumisiyo umti wotalaso. Nakuba ndisenjenje ke Mr. Editor, andinqandi mntu, kodwa ndifuna engene kwiqonga- iso abona ngawo omabini amehlo.

Yinto yokuba abadlali bakowetu uba- bulelele, Mr. Editor, kulomanene nge *offer* yawo. Ilungile, kwapela.

Ngetemba ukuba wondifakela lemigca, NDILI “ XEGO LE CRICKET.”

### INTLANGANISNO KWA ROSS.

NKOSI MHLELI, — Kwingxelo yentla- ngano yabanyuli e Pirie ebonakele kwi Mvo yokugqibela ndifumana u Mr. Weir ete—“ akasoze amvotele u Mr. Schermbrucker, akatandi nokuba kubeko umntu ontsundu omvotayo.” Ngumhlobo omkulu waba ntsundu lowo, mveni bantu bakowetu, uhlab'ekangele. Emveni kwelizwi eli- nje ku mhlobo wetu, kungaba kuko umntu ontsundu (okangele ilungelo lomzi lingelilo ele sisu sake) oya kuvu- tela u Tshambuluka na? Ndidibone iqela lana lamagama abantsundu libhalele uku- cela u Tshambuluka. Ndinenkolokuba lomanece aya kuwaroxisa lomagama awo kwelopepa njengelineye inene elili- roxisileyo igama lalo ngokubona ukuba libulala umzi.

VEL' UEHANGA.

### IVOTI E BHOFULO.

Holy Trinity Mission, Fort Beaufort.

September 30, 1888.

NKOSI,—Ipepa lako liyoyikwa ngawa- kwa Ntasanana. Bendihambele e Bhofolo. Ndabizelwa endlwini ngu Dr.; oxoxe nam ngezinto zolaulo, nokungavumelani kwalo nolaulo luka Sir. J. G. Sprigg.

Ndibuze amadoda afuna ukuvotelwa kulombini wase Singqengeni. Lite: ngu Mr. John Laing, no Mr. Edwin J. Painter, no Mr. Charles Hutton, no Mr. William Ayliff. Ndidubule ke ngoluvu lwalu, ukuba lona linga kungacitshwa wupina kwesinc. Lati, ngu Mr. John Laing mhlambi u Mr. Edwin J. Painter. Lamngcika kanye u Mr. Chas. Hutton, alateta nto ngo Mr. Ayliff. Ndithe ke malindinike amagama alamadoda, hai, lindinikile ngokukupakapu. Ndithe ke kulo, ndiza kuwatumela *Emveni* lamagama ze ndilandele into eyakutswayayo. Yavakala isutuka inku ! Isiti: “ Asiyo- nto nokuba akuwatumelanga kwelopepa, ukuba intlanganisno, ubaxelele ngomlo- mabantu oyena banganyula yena.” Ndalibeta ngentshinyi, saba “siyahlukana. Ukutsho ke, nkosi, nditi sixelele oyena ungalungayo. Mna ndiba ngu Mr. Charles Hutton.

D. M.

### ABALIMI NA BARWEBI.

MARKENI.

E QONCE (Oct. 6).

Irasi—7d to 1/1 ngekulu  
Ihabile,—1/3 to 2/9 ngenxhowa  
Itapile—2/ to 11/7 ngekulu  
Umbona—3/3 to 3/7 ngekulu  
Isemile—2/6 ngenxhowa  
Amatanga—1/ to 2/ ngedazini  
Umgubo—7/6 to 8/3 ngekulu  
Imbotyi,—3/ to 4/  
Inkuni—7/6 to 2/6 ngefalra

E KOMANI (Oct. 6).

Inkuni—11/ to 40/ ngefalra  
Itapile—10/ to 12/ ngenxhowa  
Ihabile,—2/4 to 5/ ngekulu  
Umbona,—6/ to 6/6 ngenxhowa

### Native Opinion,

THURSDAY, OCTOBER 11, 1888.

### THERE is evidently

